# UNIVERSITY OF FORT HARE

## HOME LANGUAGE 3: IsiXhosa

## HEX 414E

## BACHELOR OF EDUCATION INTERMEDIATE PHASE TEACHING

## JUNE MAIN EXAMINATION

## 2023

......................................................................................................................................

**TIME:** 3 Hours

**SUBJECT:** HOME LANGUAGE 3: IsiXhosa 3

**MARKS:** 100

This paper consists of **3** pages including the cover page


**INTERNAL EXAMINER**

Dr S. Makeleni

**EXTERNAL EXAMINER**

Ms P. Magangxa

**INTERNAL MODERATOR**

Dr B. Ramadiro


**IMIYALELO**

1. **Fundisisa imibuzo yonke uyetyise phambi kokuba uyiphendule**
2. **Phendula yonke imibuzo ekweliphepha**

**Umbuzo 1: Iziseko zokufundisa ukuBhala**

Nali ithuba lakho lokubonisa ulwazi onalo malunga nokubhala nokunikezela. Tyatyadula ucacisa ukuba kuyintoni ukubhala nokunikezela, ucaphula olo lwazi kwinkcazelo yekharityhulam, nolo ulufundileyo lweethiyori ezizalanisa ingqiqo nokubhala. Xa ubhala qiniseka ukuba oku kukhankanywe ngezantsi kuyavela njengenxalenye yeengongoma ochankcatha phezu kwazo.

(36)

- Cacisa ngemizekelo ibemibini ukuba yintoni ukubhala, yaye kubaluleke ngantoni? (4)
- Bhala iingongoma zibembini ucacisa ngobudlelwane bezakhono zolwimi, obu budlelwane ubunxibelelanisa nokubhala nokunikezela. (4)
- Cacisa ngokusebenzisa imizekelo ibemibini ubonisa ukubaluleka kokusebenzisa ingqiqo xa umfundi ebhala (4)
- Tyakatya uhlahlele amanqanaba okubhala aziziseko zenkqubo yokubhala. Inqanaba ngalinye lichaze ukuba liyintoni, cebisa ngemizekelo emithathu ukuba umfundi zintoni anokuzenza kwelo nqanaba, cacisa ukuba elo nqanaba lingamnceda njani umfundi ekubhaleni. (24)

**Umbuzo 2: Yila iiyunithi ezihlangeneyo zokubhala kwakunye nezicwangciso zazo zokubhala**

(1) Ungumhlohli ke ngoku, ucelwa ukuba ukhankanye yaye uchaze ucacise iijenra (iindidi zeetekisi) zibene ezimele kukufundiswa kwisigaba esiphakathi. Kufuneka ke ucacise ungqiyame ngezingongoma, (a)injongo yetekisi, (b) isakhiwo setekisi, (c) neempawu zolwimi. Phambi kokuba utyatyadule ngezingongoma zingentla, kufuneka uyicacise ingongoma nganye ukuba ibaluleke ngantoni xa kubhalwa itekisi. (20)

**Umbuzo 3: Ukuceba inkqubo yelitharesi ehlangeneyo**

a) Sebenzisa inkcazelo oyifumana kwiphepha elithatyathwe kwiKharityulam, wenze isicwangciso sesifundo sosuku esinika umfanekiso-ngqondweni wokufundiswa kwesakhono sokubhala. Kufuneka ke usinike umzekelo wohlolo ozakulwenza, nesixhobo ozakuzisebenzisa xa ukorekisha lomsebenzi. Landela oku kulandelayo (44)

- Isakhono (1)
- Umxholo (1)
- Iinjongo zesifundo (3)
- Isingeniso / intshayelelo yesifundo (4)
- Ukufundiswa kolwazi olutsha (12)
- Izixhobo zokufundisa (4)
- Imibuzo onokuyibuza ukuqinisekisa ukuba abafundi bayafunda (3)
- Isishwankathelo sesifundo (3)
- Uhlolo (10)

b) Cacisa ukuba ukufundwa kwesi sifundo kuzakubanceda entwenini abafundi (3)

# Amanqaku ewonke [100]

HEX 414E CAPS REFERENCE

| IBANGA LESI-4 IKOTA YESI-3 | | | | |
|---|---|---|---|---|
| **IZAKHONO** | **UKPHULAPHULA NOKUTHETHA(EZOMLOMO)** | **UKUFUNDA NOKUBUKELA** | **UKUBHALA NOKUNIKEZELA** | **IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI** |
| **IVEKI YOKU- 1 – 2** | **Ukuphulaphula kwisicatshulwa senoveli**<br>Itekisi kwincwadi yokufunda okanye kuvimba katitshala<br>• Imisebenzi yentshayelelo: ukuqikelela<br>• Ukuphulaphula izicatshulwa zenoveli<br>• Ukuphulaphula iingcinga eziphambili<br>• Ukuchonga umyalezo ophambili<br>• Ukunxulumanisa nobomi bakhe<br>• Ukuxoxa ngeengcinga eziphambili nezithile<br>• Ukusebenzisa ulwazi ukuphendula imibuzo<br>• Ukuxoxa ngokuxabiseka kwezentlalo, ukuziphatha nezenkcubeko ezikwitekisi<br>**Ukuthatha inxaxheba kwingxoxo yeqela**<br>• Ukunikana amathuba<br>• Ukunamathela kwisihloko<br>• Ukubuza imibuzo esemxholweni<br>• Ukugcina ingxoxo<br>• Ukuphendula iingcinga zabanye ngovelwano nangembeko | **Ukufunda inoveli**<br>Itekisi kwincwadi yokufunda okanye kuvimba katitshala<br>• Phambi kokufunda: ukuqikelela kwisihloko nakwimifanekiso<br>• Ukutolika nokucacisa umyalezo<br>• Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz. ukufunda ngokukhawuleza ukufumana iingcinga jikelele, ukukrwaqula ukufumana iinkcukacha ezithile, ukuqikelela, ukusebenzisa imikhondo intsingiselo, ukuthelekelela<br>• Ukuchaza izimvo zakhe ngesicatshulwa enika izizathu<br>• Ukuxoxa ngabalinganiswa, isakhelo, isimo sentlalo<br>• Ukusebenzisa isichazi magama ukulungisa upelo nokufumana iintsingiselo zamagama<br>**Ukufunda isicatshulwa esinika ulwazi,** umz. imiba yezentlalo<br>Itekisi kwincwadi yokufunda okanye kuvimba katitshala<br>• Phambi kokufunda: ukuqikelela kwisihloko nakwimifanekiso<br>• Ukuchonga iinjongo ezahlukileyo zezicatshulwa | **Ukubhala idayari**<br>• Ukusebenzisa isakhiwo esifanelekileyo<br>• Ukukhetha umxholo nesihloko esifanelekileyo<br>• Ukusebenzisa amagama achukumisayo<br>• Ukubalisa esebenzisa umntu wokuqala<br>• Ukusebenzisa isakhiwo esifanelekileyo njengesakhelo<br>• Ukusebenzisa isihloko nezivakalisi ezixhasayo ukubhala itekisi yakhe<br>• Ukusebenzisa ulwimi, upelo neempawu zokubhala/funda kunye nokushiya izithuba phakathi kwemihlathi ngokufanelekileyo<br>• Ukusebenzisa ulwimi olufanelekileyo, upelo oluchanekileyo neempawu zokubhala ushiye izithuba phakathi kwemihlathi.<br>• Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwizichazi-magama<br>Ukusebenzisa inkqubo yokubhala<br>• Ukucwangcisa/phambi kokubhala<br>• Uvelise uyilo lokuqala<br>• Ukuqwalasela kwakhona<br>• Ukuhlela<br>• Ukuvavanya ushicelelo lokuqala<br>• Ukunikezela | **Umsebenzi kwizinga lamagama:**<br>Izihlomelo sendawo,sobunjani<br>**Umsebenzi kwizinga lezivakalisi:**<br>Izivakalisi ezimbaxa<br>Iintsingiselo zamagama<br>Igama elinye endaweni yamabinzana<br>**Umsebenzi kwizinga lamagama:**<br>Izihlanganisi,izichazi<br>**Umsebenzi kwizinga lezivakalisi:**<br>Ixesha elidlulileyo<br>Ixesha elizayo<br>**Intsingiselo yamagama:** Izafobe<br>Izifaniso<br>Izikweko<br>**Upelo neempawu zokubhala/funda:**<br>Oonobumba abakhulu nabancinci<br>Ikoma<br>Isingxi |